# Umdyarho omkhulu wezilwanyana

Ibhalwe nguHarold Gondwe
Izotywe nguMoses Dhladhla




Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi


"Zonke izilwanyana ezifuna ukungenela umdyarho ziyacelwa ukuba zibhalise. Umdyarho uza kuba ziikhilomitha ezintlanu. Imali yokubhalisa yona lishumi leerandi." wakhwaza uNdlulamthi ethetha embokweni.



Isilwanyana esiphume phambili sasiza kufumana ikhulu leerandi.
Isilwanyana esiphume isibini sona sasiza kufumana amashumi amahlanu eerandi.
Esiphume kwindawo yesithathu isilwanyana sasiza kufumana amashumi amathathu eerandi.



UMvundlana wayewuvuyela kakhulu lo mdyarho. Waqalisa wazilolonga ezivocavoca. “Icace okwekati emhlophe ehlungwini eyokuba ndiza kuphuma phambili ndilifumane ibhaso lokuqala. Akukho nomnye apha kuni oza kundishiya, nani niyayazi loo nto.”



“Wena Mvundlana, unamabhongo kodwa. Wazi njani ukuba nguwe oza kuphumelela kuba asikawuqali lo mdyarho?” wabuza ecaphuka uFudwazana.



“Fudwazana, ucinga ukuba ngubani onokushiywa nguwe? Ungakhe ulinge uziqhathe ucinge ukuba uza kukhuphisana nathi.” Watsho ngelempoxo uMvundlana ebhekisa kuFudwazana.



Lwafika lona usuku lomdyarho.
Zonke izilwanyana zazinxibe iibhulukhwe ezimfutshane zomdyarho. Ibhlukhwe nganye yayinenombolo ebhalwe ngasemva. Zonke izilwanyana zazikhangeleka zonwabile, noFudwazana wayebonakala ewulungele umdyarho.



Lavakala likhwaza embokweni ilizwi lisithi: "Ngoku ke uza kuqala umdyarho, wonke umntu makalunge." Eli lizwi lalandelwa sisandi sompu. Gqu-u-u! Esi sandi sasichaza ukuba uqalile umdyarho.



Umdyarho wawuqhubeka kwindlela emqengqelezi. UFudwazana wacinga icebo lokuphumelela lo mdyarho. Wafihla intloko nemilenze yakhe ngaphakathi kwiqokobhe. Emva koko, uFudwazana waqengqeleka wasondela ngasentanjeni kwindawo ophela kuyo umdyarho.



UFudwazana wanyeka ngasemva. Wabona uMvundlana kunye nezinye izilwanyana zisekude zibaleka zisiza entanjeni. Wasondela entanjeni uFudwazana zabe ezinye izilwanyana zimmamele esithi:
"Ndim ophumeleleyo!" Wayesitsho eziqhwabela izandla uFudwazana.



UMvundlana waye wasondela ngasentanjeni wavakala usithi: “Ayinakwenzeka loo nto! UFudwazana angawuphumelela njani umdyarho engakwazi ukubaleka?”

“Yenza uphando. Inyaniso yeyokuba mna ndiphumelele!” watsho ehleka ezingomba isifuba kukuzingca uFudwazana.



